

IsiCwangciso sokuFundisa

ISIXHOSA

ULWIMI LWASEKHAYA

IKOTA 3



IBANGA

3





IsiCwangciso sokuFundisa

IBANGA 3 | IKOTA 3

ISIXHOSA

Copyright © 2026 National Educational
Collaboration Trust (NECT)

This work is licensed under a Creative Commons
Attribution–NonCommercial–NoDerivatives 4.0
International License (CC BY-NC-ND 4.0).

Additional permissions beyond the scope of this license
may be available. For further information, please
contact the publisher at **materials@nect.org.za**.

First edition, 2026



IKOTA 3 ISICWANGCISO SOKUFUNDISA





Ukuphulaphula nokuthetha: Yazisa umxholo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Imifanekiso
nezixhobo
zokwenyani
zomboniso
womxholo

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Lungisa umboniso womxholo:** *Singoosomashishini*
2. **Buza umbuzo ovulekileyo ukuqalisa ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.**
 - Zeziphi ezinye izinto ezithengiswa ngabantu kwindawo ohlala kuyo?
 - Kutheni abantu beqala amashishini abo?
 - Xa unokuqala ishishini, ungathanda ukuthengisa ntoni?
3. **Yenza imephu yengqondo usebenzisa imibuzo neempendulo zabafundi.**
4. **Yongeza ezakho iimpendulo kwimephu yengqondo ukwandisa ulwazi lwabafundi.**
5. **Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 2.**
6. **Xelela abafundi bakhombe kwindawo yokutyebisa ulwimi lomxholo.**
 - a. Funda ngokutyetyiswa kolwimi ngokuvakalayo.
 - b. Yalela abafundi bafunde kunye nawe, okanye bayiphinde emva kwakho: Andonzakalisi mntu, kodwa ndiyakhula. Ndiqala ndimncinci. Ndithengisa amaqanda, iziqhamo okanye imifuno. Abantu beza kum bathenge. Ndingubani?
7. **Xoxa nabafundi ngokutyetyiswa kolwimi.**
 - a. Buza: Ungandixelela ukuba kuthetha ukuthini oku? / Uyakwazi ukufumana impendulo?
 - b. Khuthaza abafundi babelane ngezimvo.
 - c. Cacisa intsingiselo okanye unike impendulo njengoku kulandelayo: Ipendulo: Ndingusomashishini omncinci.



Izandi nemofoloji: Uhlalutyo lweklasi



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Bhala le theyibhile kunye nezandi ebhodini zibonakale ngokucacileyo:

a	o	i	e	u
b	f	d	n	t
bh	kh	sh	qh	th
m	v	w	z	q

- Zinzisa abafundi emethini okanye phantsi, phambi kwakho.**
- Bamba ingxoxo malunga nokufunda kunye nokubhala.**
- Cela abafundi baguquke bathethe baze baxoxe ngalo mbuzo ulandelayo Kufuneka sikwazi ukwenza ntoni ukuze sifunde kwaye sibhale amagama?**
- Emva kwemizuzu embalwa, cela abafundi banike ingxelo.**
- Zama ukuqinisekisa ukuba iimpendulo zabo ziquka la manqaku alandelayo:**
 - Kufuneka sikwazi ukufunda zonke izandi ezahlukileyo zolwimi lwethu*
 - Kufuneka siyazi indlela yokuhlenganisa izandi sakhe amagama*
 - Kufuneka siyazi indlela yokucaculula amagama abe zizandi, sibuye sizihlanganise ukuze sifunde igama*
 - Kufuneka siyazi indlela yokubhala izandi, ukuze sibe nako ukubhala amagama*
- Njengoko abafundi benika ezi mpendulo, biza umfundi abe mnye okanye ababini beze ebhodini ukubonisa ukusetyenziswa kwezandi ezikwitheyibhile.**
- Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoMvulo.**
 - Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 4.
 - Fundela abafundi itekisi, emva koko funda itekisi kunye nabafundi.
 - Xoxa ngemibuzo elandela itekisi.
 - Qaphela abafundi abanexhala ngokufunda, nokuba lingantoni na ixhala elo.
 - Nika ingqalelo lo miba ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Qhelanisa ukubhala ngesandla ngokudibanisa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokwenza ngathi sidlala ipiyano.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa indlela yokubhala uze ugqibezele esi sivakalisi sibhalwe ngokudibanisa:**
 - *Ndisebenzisa izandi nokuzidibanisa ukufunda amagama.*
 - a. Njengoko ubhala, cacisa indawo apho uqala khona, icala oya ngakulo kunye nezikhewu phakathi kwamagama.
 - b. Yalela abafundi babhale esi sivakalisi / ezi zivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
 - c. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye: ukubunjwa konobumba, ubungakanani bonobumba kunye nezikhewu.
 - d. Xhasa abafundi abadinga uncedo.
3. **Yenza abafundi baqonde ngesantya sokubhala kunye nokuchaneka.**
 - a. Xa uninzi lwabafundi lugqibile, yithi, 'yima'.
 - b. Xelela abafundi baqaphele umgama abaselebewuhambile.
 - c. Ukuba abagqibanga, baxelele bazame ukubhala ngokukhawuleza ngengomso.
 - d. Kananjalo yenza abafundi bathelekise imibhalo yabo kowakho ebhodini.
 - e. Bacele baqaphele ukuba ziingaphi na iimpazamo abazenzileyo.



UkuFunda noTitshala: Yazisa ibali



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha
lentshayeleyo
1

1. Yazisa ibali.

- Yithi: Kule veki siza kufunda ibali elisihloko sithi, *Amaqanda amatsha ayathengiswa.*
- Yithi: *Umakhulu ka-Anele uneenkukhu ezininzi ezibeka amaqanda! Maninzi kakhulu amaqanda kude kwakho afihlwe kwindawo yonke eyadini. Ngenye imini, emva kokuba umhlobo ka-Ayanda onguVuyani etyelele waza wawathanda amaqanda, uMakhulu ufumana umbono omhle. Uthatha isigqibo sokwakha indawo yokuhlala iinkukhu aze aqale ishishini losapho. UAyanda upeyinta uphawu oluhle, aze udadewabo uAndiswa enze amaphepha ezibhengezo anemibalabala okwazisa ngamaqanda abo amatsha. Ingaba liza kuba yimpumelelo na ishishini labo elitsha elinika umdla? Kwaye banganakho na ukulikhulisa ishishini labo libe likhulu?*
- Buza: Ikhona into oyaziyo malunga noku?
- Bonisa ngokufutshane abafundi imifanekiso esebalini.

2. Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.

- Yabelana uze ucacise iinkcukacha ezinikiweyo ngemvelaphi ebalini.
- Bonisa abafundi apho ibali liqhubeka khona usebenzisa imephu yeNgqokelela yamaBali.
- Buza: Ingaba unemibuzo malunga neli bali?

3. Cacisa indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.

- Yithi, kule veki siza kufunda indlela: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.
- Cacisa le ndlela kubafundi.



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 1 no2



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 4.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 1 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 1 edesikeni yalo uze ubize iQela 2.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Fundisa isigama



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Oonotsheluzi
besigama,
imifanekiso,
izixhobo

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Khumbuza abafundi ngomxholo.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 2.
 - b. Funda okanye ubize indawo yokutyetyiswa kolwimi kwakhona.
 - c. Bonisa abafundi uluhlu lwesigama somxholo.
 - d. Cacisa ukuba la magama aza kusinceda siqonde kwaye sithethe ngomxholo.
 - e. Bafundele uluhlu lwamagama.
2. **Sebenzisa iYLXY ukufundisa isigama.**
 - a. Fundisa esi sigama silandelayo:
 - *indlu yeenkuku: Indlwana okanye indawo yokufihla intloko apho kuhlala khona iinkuku.*
 - *bhengeza: Ukuchazela abantu ngento ethile ofuna ukuyithengisa.*
 - *iphepha lesibhengezo: Iphetshana elinika abantu ulwazi.*
 - *yandisa: Ukwenza into ibe nkulwana okanye uyikhulise.*
3. **Sebenzisa indlela yobuchule iYLXY elungele igama ngalinye:**

Y: Yalatha emfanekisweni okanye kwisixhobo sokwenyani

L: Linganisa igama

X: Xelesa abafundi intsingiselo yegama

Y: Yitsho igama kwisivakalisi



Izandi nemofoloji: Uhlalutyo lweklasi



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Bamba ingxoxo ngokufunda ngotyibiliko.**
2. **Khumbuza abafundi ukuba utyibiliko luthetha:**
 - a. *Ukukwazi ukufunda ngaphandle kweempazamo.*
 - b. *Ukukwazi ukufunda ngesantya esihle, ngathi siyathetha.*
 - c. *Ukukwazi ukufunda ngemvakalozwi nembonakalo echanekileyo (ukukwazi ukutshintsha ilizwi njengoko sifunda, ukuze songeze intsingiselo).*
3. **Cela abafundi baguquke bathethe baze baxoxe ngalo mbuzo ulandelayo**
Singenza ntoni ukuze siphucule ukufunda kwethu ngotyibiliko?
4. **Emva kwemizuzu embalwa, cela abafundi banike ingxelo.**
5. **Zama ukuqinisekisa ukuba iimpendulo zabo ziquka la manqaku alandelayo:**
 - a. *Singaphulaphula ngenyameko xa utitshala wethu efunda, ukuze sive ukufunda ngotyibiliko.*
 - b. *Singaziqhelisa ukufunda ibali elinye amathuba embalwa.*
 - c. *Singafunda yonke imihla kuba okukhona siziqhelisa ukufunda, kokukhona kuba ngcono.*
Singafundela abantakwethu noodade wethu abancinane sibone ukuba bayayonwabela na indlela esifunda ngayo.
6. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesibini.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 5.
 - b. Fundela abafundi itekisi, emva koko funda itekisi kunye nabafundi.
 - c. Xoxa ngemibuzo elandela itekisi.
 - d. Ekugqibeleni, buza abafundi ukuba kukho zinto zibanga ixhala na ngokufunda ngotyibiliko. Ukuba zikho, yibhale phantsi.
 - e. Nika ingqalelo lo miba ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Qhelanisa ukubhala ngesandla ngokudibanisa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokwenza ngathi sidlala ipiyano.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa indlela yokubhala uze ugqibezele ezi zivakalisi zibhalwe ngokudibanisa:**
 - *Ndiyathanda xa _____ esifundela ibali.*
 - *Ndithanda amabali a_____.*
 - a. Njengoko ubhala, cacisa indawo apho uqala khona, icala oya ngakulo kunye nezikhewu phakathi kwamagama.
 - b. Yalela abafundi babhale esi sivakalisi / ezi zivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
 - c. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye: ukubunjwa konobumba, ubungakanani bonobumba kunye nezikhewu.
 - d. Xhasa abafundi abadinga uncdo.
3. **Yenza abafundi baqonde ngesantya sokubhala kunye nokuchaneka.**
 - a. Xa uninzi lwabafundi lugqibile, yithi, 'yima'.
 - b. Xelela abafundi baqaphele umgama abaselebewuhambile.
 - c. Ukuba abagqibanga, baxebele bazame ukubhala ngokukhawuleza ngengomso.
 - d. Kananjalo yenza abafundi bathelekise imibhalo yabo kowakho ebhodini.
 - e. Bacele baqaphele ukuba ziingaphi na iimpazamo abazenzileyo.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwangaphambili



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 31

1. **Hlalisela abafundi uFundo lwangaPhambili.**
 - a. Biza abafundi bahlale emethini okanye phantsi.
 - b. Hlala phambi kwabafundi neNgqokelela yamaBali.
 - c. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayayibona incwadi.
 - d. Khumbuza abafundi ngendlela yokuziphatha oyilindeleyo ngexesha lokuFunda noTitshala, umz. ukwakha isathanga; ukubeka izandla emathangeni, ukuphulaphula ngononophelo, ukuphendula xa ebuzwa, ukuphakamisa isandla ukubuza umbuzo.
2. **Yenza uFundo lwangaPhambili ngolu hlobo:**
 - a. Biza isihloko sebali: *Amaqanda amatsha ayathengiswa*
 - b. Cacisa isakhono soqikelelo. Yithi: Xa sisenza uqikelelo, sisebenzisa isihloko kunye nemifanekiso ukuzama ukufumana ukuba ibali lingantoni na.
 - c. Bonisa abafundi imifanekiso kwiphepha ngalinye.
 - d. Buza: Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
 - e. Buza: Ucinga ukuba le mifanekiso inxulumana njani?



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 3 no4



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 5.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 3 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 3 edesikeni yalo uze ubize iQela 4.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Fundisa isigama uze uxoxe ngomfanekiso womxholo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Oonotsheluzi
besigama,
imifanekiso,
izixhobo

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Sebenzisa iYILXY ukufundisa isigama.**

- a. Fundisa esi sigama silandelayo:
 - *usomashishini: Umntu oqala ishishini athengise izinto okanye anikeze iinkonzo ukuze azuze imali.*
 - *ishishini: Umsebenzi owenziwa ngabantu ukuze bazuze imali ngokuthengisa izinto nokunikeza iinkonzo.*
 - *ukubala: Ukuza neempendulo usebenzisa amanani.*
 - *umthengi: Umntu othenga into evenkileni okanye kwishishini.*
- b. Sebenzisa indlela yobuchule iYILXY elungele igama ngalinye.

2. **Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.**

- a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 6.
- b. Xelela abafundi ezi nkukacha zilandelayo malunga nomfanekiso:
 - *Abantu basoloko bethengisa izinto okanye benikeza iinkonzo ukuze bazuze imali. Oku kubizwa ngokuba lishishini. Amanye amashishini makhulu kakhulu, amanye ngamashishini amancinane eentsapho.*
 - *Xa abantu besebenza kunye kwishishini, basoloko benemisebenzi eyahlukileyo. Omnye umntu angakhulisa izityalo, omnye anganceda abathengi, aze omnye ajonge amaxabiso.*
 - *Usomashishini ngumntu oqala ishishini. Oosomashishini basoloko becinga iindlela zokunceda abantu ngexesha bezuza imali ngokuthengisa izinto okanye ukunikeza iinkonzo ezidingwayo kwiindawo abahlala kuzo.*

3. **Xoxa ngomfanekiso.**

- a. Sebenzisa umbuzo olandelayo ukuxoxa ngomfanekiso njengoku kulandelayo:
 - Buza umbuzo wokuqala.
 - Yalela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane labo.
 - Biza abafundi ngabanye babelane ngeempendulo zabo.
 - Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi ngokulungisa ukungaqondi kwabo kunye nokwabelana ngolwazi olunxulumene nomxholo.
 - Phinda le nkqubo ngemibuzo yonke.

4. **Imibuzo:**

- a. *Yeyiphi imisebenzi eyahlukileyo oyibona isenziwa ngabantu abakulo mfanekiso?*
- b. *Ucinga ukuba kutheni olu sapho lulima ze luthengise izityalo?*
- c. *Zeziphi izakhono ocinga ukuba ziyadingeka ukuze uqhube ishishini?*



Izandi nemofoloji: Uhlalutyo lweklasi



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Zinzisa abafundi emethini okanye phantsi, phambi kwakho.**
2. **Bamba ingxoxo ngengqiqo nokuqonda.**
3. **Khumbuza abafundi ukuba ukufundela ingqiqo nokuqonda kuthetha:**
 - a. *Siyalilandela ibali.*
 - b. *Siyalikhumbula ibali.*
 - c. *Sicinga ngebali ze sibuze sibuye siphendule nemibuzo ngalo.*
4. **Cela abafundi baguquke bathethe baze baxoxe ngalo mbuzo ulandelayo:**
Singenza ntoni ukuphucula ukufundela ingqiqo nokuqonda?
5. **Emva kwemizuzu embalwa, cela abafundi banike ingxelo.**
6. **Zama ukuqinisekisa ukuba iimpendulo zabo ziquka la manqaku alandelayo:**
 - a. *Singalifunda ibali amathuba angaphezu kwethuba elinye.*
 - b. *Singazama ukuzifumanela intsingiselo yamagama esingawaziyo, okanye sibuze komnye into ayithethayo.*
 - c. *Singafunda yonke imihla kuba okukhona sifunda, kokukhona siya kwazi.*
 - d. *Emva kokuba asifunde ibali, singazama ukukhumbula okanye sifumanele oku:*
 - *Yeyiphi ingcamango ephambili yeli bali*
 - *Kwenzeke ntoni kuqala, kwalandela ntoni kwaye yintoni eyokugqibela*
 - *Ngoobani abalinganiswa*
 - *Into oyithandileyo ngeli bali*
 - *Into oyifundileyo kweli bali*
7. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesithathu.**
 - a. *Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 7.*
 - b. *Fundela abafundi itekisi, emva koko funda itekisi kunye nabafundi.*
 - c. *Xoxa ngemibuzo elandela itekisi.*
 - d. *Ekugqibeleni, buza abafundi ukuba banemiba ebaxhalabisayo na ngokufundela ingqiqo nokuqonda. Ukuba kukho ekhoyo, yibhale phantsi.*
 - e. *Nika ingqalelo lo miba ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.*



Ukubhala ngesandla: Qhelanisa ukubhala ngesandla ngokudibanisa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokwenza ngathi sidlala ipiyano.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa indlela yokubhala uze ugqibezele ezi zivakalisi zibhalwe ngokudibanisa:**
 - *Ndiyakuthanda ukuphendula imibuzo ngamabali.*
 - *Ndiyakuthanda ukubhala awam amabali.*
 - a. Njengoko ubhala, cacisa indawo apho uqala khona, icala oya ngakulo kunye nezikhewu phakathi kwamagama.
 - b. Yalela abafundi babhale esi sivakalisi / ezi zivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
 - c. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye: ukubunjwa konobumba, ubungakanani bonobumba kunye nezikhewu.
 - d. Xhasa abafundi abadinga uncdo.
3. **Yenza abafundi baqonde ngesantya sokubhala kunye nokuchaneka.**
 - a. Xa uninzi lwabafundi lugqibile, yithi, 'yima'.
 - b. Xelela abafundi baqaphele umgama abaselebewuhambile.
 - c. Ukuba abagqibanga, baxebele bazame ukubhala ngokukhawuleza ngengomso.
 - d. Kananjalo yenza abafundi bathelekise imibhalo yabo kowakho ebhodini.
 - e. Bacele baqaphele ukuba ziingaphi na iimpazamo abazenzileyo.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lokuQala



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 31

1. Lungiselela abafundi uFundo lokuQala.

- Hlalisa abafundi emethini.
- Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
- Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Amaqanda amatsha ayathengiswa.*
- Yithi: *Umakhulu* ka-Anele uneenkuku ezininzi ezibeka amaqanda! Maninzi kakhulu amaqanda kude kwakho afihlwe kwindawo yonke eyadini. Ngenye imini, emva kokuba umhlobo ka-Ayanda onguVuyani etyelele waza wawathanda amaqanda, uMakhulu ufumana umbono omhle. Uthatha isigqibo sokwakha indawo yokuhlala iinkuku aze aqale ishishini losapho. UAyanda upeyinta uphawu oluhle, aze udadewabo uAndiswa enze amaphepha ezibhengezo anemibalabala okwazisa ngamaqanda abo amatsha. Ingaba liza kuba yimpumelelo na ishishini labo elitsha elinika umdla? Kwaye banganakho na ukulikhulisa ishishini labo libe likhulu?

2. Yenza uFundo lwangaPhambili ngolu hlobo:

- Funda iphepha ngalinye leballi ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
- Bonisa abafundi imifanekiso.
- Apho kuyimfuneko, yima uze ucacisele abafundi.
- Yalatha isigama njengoko sibonakala.
- Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 1 ngolu hlobo:
 - Bhekisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
 - Bhekisa Umbuzo 3 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
 - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.
- Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.
 - Buza abafundi: Singaqikelela sithini ngokufanekileyo ngoku esingakuchazelwanga ngumbhali? Ungaqikelela ntoni ngeengcinga / iimvakalelo zomlinganiswa?



Ukubhala: Yazisa uze uqhelanise iGML



IXESHA:
20 imizuzu



IZIXHOBO:
Abadingeki
oovimba
bolwazi

1. **Yazisa ukugxila kwiGML (imiGaqo neMimiselo yoLwimi).**
 - a. Yithi, kule veki siza kugxila ku: Usebenzisa iimpawu zocaphulo ukubonisa amagama athethwe ngumntu (intetho ngqo).
 - b. Bhala isivakalisi ebhodini: Wathi, "Ndifuna ukuqala ishishini."
 - c. Cacisa umongo weGML: Iimpawu zocaphulo zisetyenziswa ukubonisa amazwi umntu awathethileyo (intetho ngqo).
2. **Qhelanisa abafundi neGML.**
 - a. Bhala ebhodini: Umakhulu wathi sineetumato ezininzi.
 - b. Buza abafundi: Sizifaka ndawoni iimpawu zocaphulo ukubonisa ngqo into ethethwe ngumntu? Loluphi olunye uphawu lokubhala ekufuneka silusebenzise?
 - c. Xoxani ukufumana izimvo zabafundi: Umakhulu wathetha la mazwi: sineetumato ekufuneka sizithengisile. Kuba la ngamazwi ngqo kamakhulu, siwafaka phakathi kwiimpawu zocaphulo. Iimpawu zocaphulo zifana neempawu zentetho ezikhethekileyo ezibonisa okuthethwe ngumntu othile. Singalandela la manyathelo: Umakhulu uthe usixelesa ukuba ngubani othethayo. Kufuneka sibhale isiphumlisi phambi kwamazwi athethiweyo. Iimpawu zocaphulo zirhangqa amazwi ngqo athethwe ngumakhulu. Kufuneka silenze unobumba omkhulu igama lokuqala phakathi kwiimpawu zocaphulo. Kufuneka sibhale isingxi phambi kokuvala iimpawu zocaphulo, kuba yinxalenye yokuthethwe ngumakhulu. Sibhala: Umakhulu uthe, "Sineetumato ezininzi ekufuneka sizithengisile."
3. **Nika abafundi ixesha lokuziqhelanisa neGML ngokuzimeleyo.**
 - a. Bhala ebhodini:
 - Wathi ndinecebo elihle.
 - Umama wathi masiye ezivenkileni.
 - Masiwathengise amaqanda ethu ashiyekileyo.
 - b. Cacisela abafundi: Fakela iimpawu zocaphulo endaweni echanekileyo kwezi zivakalisi. Ukhumbule ukufakela isiphumlisi, unobumba omkhulu, kunye nesingxi kwisivakalisi sakho.
 - c. Nika abafundi imizuzu embalwa yokugqibezela umsebenzi.
4. **Khangela ukuqonda kwabafundi.**
 - a. Hlanganisa abafundi ndawonye.
 - b. Biza abafundi abahlukileyo babelane ngeempendulo zabo.
 - c. Yalatha: Iimpawu zocaphulo zisetyenziswa ukubonisa amazwi umntu awathethileyo (intetho ngqo).



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 5 no6



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 7.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 5 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 5 edesikeni yalo uze ubize iQela 6.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Izandi nemofoloji: Uhlalutyo lweklasi



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Zinzisa abafundi emethini okanye phantsi, phambi kwakho.**
2. **Bamba ingxoxo ngemofoloji.**
3. **Khumbuza abafundi ukuba:**
 - a. *Imofimi sesona sakhi sincinane segama esinentsingiselo.*
 - b. *Igama lingakhiwa ngemofimi enye, umz.: ewe*
 - c. *Igama lingakhiwa ngeqela leemofimi, umz.: ba-fund-ile*
4. **Buza abafundi ukuba bangacinga na ngomzekelo wemofimi. Phulaphula iimpendulo zabo.**
5. **Xelela abafundi ukuba kule kota, siza kumilisela iingqondo kakhulu kwiimofimi njengendlela yokusinceda xa sifundela ingqiqo nokuqonda.**
6. **Cela abafundi baguquke bathethe baze baxoxe ngalo mbuzo ulandelayo**
Kusinceda njani ukuba sikwazi ukufunda siqonde iimofimi ezahlukileyo?
7. **Emva kwemizuzu embalwa, cela abafundi banike ingxelo.**
8. **Yamkela uze uxoxe ngazo zonke iimpendulo, kwaye wongeze la manqaku alandelayo ukuba kukho imfuneko:**
 - a. *Ukuba siyakwazi ukufunda imofimi, oko kungasinceda ukuba sifunde amagama amaninzi, kuba sikwazi ukufunda eso sakhi segama ngokulula.*
 - b. *Ukuba siyakwazi ukufunda imofimi, kungasinceda ukufunda amagama amade, kuba sikwazi ukufunda eso sakhi segama ngokulula.*
 - c. *Ukuba siyayazi intsingiselo yemofimi, kungasinceda sizifumanele intsingiselo yegama esingalaziyo.*
9. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesine.**
 - a. *Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 8.*
 - b. *Fundela abafundi itekisi, emva koko funda itekisi kunye nabafundi.*
 - c. *Xoxa ngemibuzo elandela itekisi.*



Ukubhala ngesandla: Qhelanisa ukubhala ngesandla ngokudibanisa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokwenza ngathi sidlala ipiyano.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa indlela yokubhala uze ugqibezele ezi zivakalisi zibhalwe ngokudibanisa:**
 - *Imofimi yinxalenye yegama.*
 - *Yongeza okanye itshintshe intsingiselo yegama.*
 - a. Njengoko ubhala, cacisa indawo apho uqala khona, icala oya ngakulo kunye nezikhewu phakathi kwamagama.
 - b. Yalela abafundi babhale esi sivakalisi / ezi zivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
 - c. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye: ukubunjwa konobumba, ubungakanani bonobumba kunye nezikhewu.
 - d. Xhasa abafundi abadinga uncdo.
3. **Yenza abafundi baqonde ngesantya sokubhala kunye nokuchaneka.**
 - a. Xa uninzi lwabafundi lugqibile, yithi, 'yima'.
 - b. Xelela abafundi baqaphele umgama abaselebewuhambile.
 - c. Ukuba abagqibanga, baxelele bazame ukubhala ngokukhawuleza ngengomso.
 - d. Kananjalo yenza abafundi bathelekise imibhalo yabo kowakho ebhodini.
 - e. Bacele baqaphele ukuba ziingaphi na iimpazamo abazenzileyo.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwesiBini



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 31

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwesiBini.**
 - a. Hlalisa abafundi emethini.
 - b. Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
 - c. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Amaqanda amatsha ayathengiswa*
 - d. Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.
 - Yithi, khumbula sithethile ngale nto izolo, xa ndikubuzo: Singaqikelela sithini ngokufanekileyo ngoku esingakuchazelwanga ngumbhali? Ungaqikelela ntoni ngeengcinga / iimvakalelo zomlinganiswa?
2. **Yenza uFundo lwesiBini ngolu hlobo:**
 - a. Funda iphepha ngalinye lebali ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
 - b. Bonisa abafundi umfanekiso.
 - c. Sebenzisa imizekelo ekwiphepha lentshayeleyo ukwenza umzekelo wobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - d. Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 2 ngolu hlobo:
 - Bhekisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
 - Bhekisa Umbuzo 3 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
 - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.



Ukubhala: Utitshala wenza umzekelo wokucwangcisa



IXESHA:
20 imizuzu



IZIXHOBO:
Isakhelo
sokubhala

1. **Yazisa isihloko sokubhala.**
 - a. Yithi, kulo mjikelo siza kubhala: Ibali elingomlinganiswa owaqala ishishini.
2. **Cacisa impendulo yakho yomsebenzi wokubhala, uyithethe ngomlomo, phambi kokubhala. Sebenzisa isakhelo sokubhala.**
 - a. Yithi: Ndiza kubhala ibali elingomlinganiswa oqala ishishini lo...
3. **Yenza umzekelo wokucwangcisa umsebenzi wokubhala ebhodini.**
 - a. Zoba ngokukhawuleza umfanekiso obonakalisa: Umlinganiswa kunye neshishini lakhe.
 - b. Sebenzisa imephu yengqondo ukucwangcisa ibali lakho:
 - Ngubani umlinganiswa wakho? (Igama nobudala)
 - Leliphi ishishini afuna ukuliqala umlinganiswa wakho?
 - Uthetha nabani umlinganiswa wakho ngecebo lakhe?
 - Bacinga ze bagqibe entweni emva kwale ncoko?
 - Baliqala nini phi ishishini labo?
 - Kwenzeke ntoni ngosuku lokuqala lweshishini?
 - Uthini umxumi wokuqala?
 - Yeyiphi ingxaki ekhawuleza ivele kweli shishini?
 - Uyisombulula njani le ngxaki umlinganiswa?
 - Liphela njani eli bali? Uziva njani umlinganiswa?
4. **Yenza abafundi ukuba bacinge.**
 - a. Yithi: Ngomso niza kucwangcisa umbhalo wenu. Yizani nezimvo zenu ngomso.

Isakhelo sokubhala:

Ngenye imini,...wathatha isigqibo sokuvula ishishini.

Wayefuna uku...

Waxoxa ngecebo lakhe no...

Wathatha isigqibo so...

Waqala ishishini lakhe...

Ekuqaleni, izinto zazi...

Waza umxumi wafika wathi...

Ngokukhawuleza kwabakho ingxaki ne...

Kwafuneka a...

Ekugqibeleni...



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 7 no8



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 8.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 7 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 7 edesikeni yalo uze ubize iQela 8.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Xoxa ngebali eliFundwa noTitshala



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Isicwa-ngciso
sengxoxo:

Uluvo
oluphambili
kweli bali ibi...

Ndithande
umlinga-
niswa u...
kuba...

Ndifunde
ukuba...

Ndicinga
ukuba ibiyinto
elungileyo
/ engalu-
nganga...
kuba...

1. **Lungiselela abafundi ingxoxo yamaqela.**
 - a. Cwangcisa abafundi ngokwamaqela amalungu ama4.
 - b. Nika iqela ngalinye 'uswazi okanye ilitye lokuthetha'.
 - c. Yithi: Ungathetha kuphela xa uphethe 'uswazi / ilitye lokuthetha'.
2. **Funda imibuzo yengxoxo.**
 - a. Khumbuza abafundi ibali elifundwa notitshala laloo veki.
 - b. Bhala isicwangciso sengxoxo ebhodini.
 - c. Funda uze ucacise umbuzo ngamnye (isiqalisivakalisi).
 - d. Xelela abafundi ukuba ilungu ngalinye leqela malibe nethuba lokuphendula umbuzo.
 - e. Khuthaza abafundi bacinge ngeempendulo ezahlukeyo.
3. **Yalela abafundi baqale ingxoxo.**
 - a. Yalela abafundi abaphethe 'uswazi / ilitye lokuthetha' ukuba mabaqale.
 - b. Hambahamba unika inkxaso apho ifunekayo.
 - c. Kwimizuzu embalwa yokugqibela, biza iqela lizokwabelana ngeempendulo zalo.
4. **Ukulungisa abafundi**
 - a. Chonga 3–4 yabafundi abaza kwenza iNtetho yeOrali ngoMvulo.
 - b. Xelela abafundi amabakulungiselele uMvulo. (Jonga isicwangciso sesifundo soPT sangoMvulo)



Izandi nemofoloji: Ubizelo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Abadingeki
oovimba
bolwazi

1. **Zinzisa abafundi neencwadi zabo zokubhala, iipensile neerula.**
 - a. Xelela abafundi babhale isihloko, 'Ubizelo' baze babhale amanani u1–5 kumda wephepha.
 - b. Biza la magama mahlanu alandelayo ukuze abafundi bawabhale ecaleni kwamanani u1–5: uhambile, ufundile, utyile, umtywatyushile, uphekile
 - c. Emva koko, xelela abafundi babhale phantsi isivakalisi osibizayo, besebenzisa iimpawu zobhalo ezichanelekileyo.
 - d. Biza esi sivakalisi silandelayo. Siphinde ngokucothayo, kabini ukuba kuyimfuneko: Utatomkhulu uhambile izolo.
2. **Xelela abafundi basebenzise iipensile eziyimibala ukukorekisha umsebenzi wabo.**
 - a. Bhala la magama mahlanu nesivakalisi ebhodini.
 - b. Njengoko ubhala, biza igama ngalinye.
 - c. Kwisivakalisi, yalatha iimpawu zobhalo ezisetyenzisiweyo.
 - d. Xelela abafundi barhangqe iimpazamo zabo ngepensile enombala.
 - e. Xelela abafundi babhale kwakhona iimpazamo zabo ngokuchanekileyo.
3. **Qaphela imingeni kunye nenkqubela phambili yabafundi.**
4. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesihlanu.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 10.
 - b. Funda itekisi ngokuvakalayo. Xelela abafundi balandele kwiincwadi zabo njengoko ufunda.
 - c. Yenza umzekelo wokugqibezela umsebenzi wengqiqo nokuqonda ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwaMva



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 31

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwaMva.**
 - a. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Amaqanda amatsha ayathengiswa*
 - b. Cacisa umsebenzi. Yithi: Namhlanje siza kuzoba ze sifake ileyibhile kwindawo esiyithandayo kwibali lethu.
2. **Yenza umzekelo walo msebenzi njengoku kulandelayo:**
 - a. Cimela wenze ngathi uyacinga.
 - b. Vula amehlo akho uthi: Eyona ndawo ndiyithandayo kweli bali kuxa...
 - c. Zama ungakhethi indawo ecace kumntu wonke njengomzekelo wakho.
 - d. Zoba ngokukhawuleza umfanekiso ebhodini. Njengokuba uzoba cacisa le nto uyizobayo.
 - e. Faka ileyibhile e1-2.
3. **Yalela abafundi bagqibezele umsebenzi.**
 - a. Xelela abafundi bacimele baze bacinge ngeyona ndawo bayithandayo ebalini.
 - b. Yithi: Cinga ngolwakho uluvo, musa ukukopa umzekelo wam.
 - c. Okulandelayo, xelela abafundi bavule amehlo baze baxoxe ngeempendulo zabo neqabane.
 - d. Emva koko, yalela abafundi ukuba bazobe le ndawo yebali kwiincwadi zabo zokubhala.
 - e. Nceda abafundi bafakele ileyibhile e1-2 kwimizobo yabo.
4. **Vumela abafundi babelane ngomsebenzi wabo.**
 - a. Nika abafundi imizuzu embalwa yokubonisa umsebenzi wabo kwiqabane.
 - b. Biza umfundi abelane ngomsebenzi wakhe neklasi.



Ukubhala: Abafundi bayacwangcisa



IXESHA:
20 imizuzu



IZIXHOBO:
Isakhelo
sokubhala

1. **Khumbuza abafundi ngesihloko sokubhala.**
 - a. Yithi, kulo mjikelo siza kubhala: Ibali elingomlinganiswa owaqala ishishini.
2. **Yalela abafundi bacinge ngeempendulo zabo zesihloko sokubhala.**
 - a. Yithi, ngoku cinga ngendlela oza kuphendula ngayo isihloko sokubhala.
 - b. Yalela abafundi babelane ngezimvo zabo neqabane.
 - c. Biza abafundi abambalwa bazokwabelana ngeempendulo zabo neklasi.
3. **Yalela abafundi bacwangcise umbhalo wabo kwiincwadi zabo zokubhala.**
 - a. Yithi: Ngoku sebenzisa imephu yengqondo ukubhala phantsi izimvo zakho uze ucwangcisele umsebenzi wokubhala.
4. **Hambahamba eklasini uze uncedise ababhali ngabanye bacwangcise.**
 - a. Yithi: Ndixelele ngezimvo zakho.
 - b. Nceda abafundi abatsala nzima bagqibezele imephu zabo zengqondo.

Isakhelo sokubhala:

Ngenye imini,...wathatha isigqibo sokuvula ishishini.

Wayefuna uku...

Waxoxa ngecebo lakhe no...

Wathatha isigqibo so...

Waqala ishishini lakhe...

Ekuqaleni, izinto zazi...

Waza umxumi wafika wathi...

Ngokukhawuleza kwabakho ingxaki ne...

Kwafuneka a...

Ekugqibeleni...



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 9 no10



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 10.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 9 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 9 edesikeni yalo uze ubize iQela 10.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: INtetho yeOrali



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Abadingeki
oovimba
bolwazi

1. **Hlalisa abafundi bajonge abo bafunda nabo besenza intetho yabo yeorali.**
2. **Khumbuza abafundi ngalo msebenzi ulandelayo: Bonisa uze uchaze**
 - a. Bamba uze uphakamise isixhobo okanye umfanekiso oza kusibonisa wona / sona.
 - b. Sichazele ngesixhobo / ngomfanekiso. Yithi:
 - Namhlanje ndiza kunichazela nge...
 - I... (ubungakanani, umbala, ubunzima, ivakala njani xa uyiphatha, njl. njl.)
 - Isetyenziselwa...
 - Ndiyithanda kuba...
 - c. Emva koko, buza iklassi: Ingaba ninemibuzo?
 - d. Xa kukho umntu onombuzo, zama ukunika eyona mpendulo ingcono.
3. **Khumbuza abafundi ngezi zakhono zokwenza intetho:**
 - a. Xa unikezela, khumbula oku:
 - Bamba isixhobo okanye umfanekiso wakho ngendlela ebonisa wonke umntu
 - Biza izivakalisi zakho ngokuchanekileyo ngokulandelelana kwazo
 - Biza kube kanye – ungayiphindi into oyithethileyo
 - Thetha ngelizwi elivakalayo nelicacileyo
4. **Biza abafundi abakhethiweyo ngabanye ngexesha ukwenza intetho yabo.**
 - a. Yakha ukuzithemba komfundi ngokumbulela ngentetho yakhe nangokumnika ingxelo eyakhayo.
 - b. Ekupheleni kwesifundo, nika iklassi ingxelo ebanzi ukuphucula intetho yabo. Umzekelo: Ndibe nobunzima ukuva abanye benu. Ncedani nizame ukugcina ilizwi lenu livakala –sifuna ukuva into oyithethayo.



Izandi nemofoloji: NDIYENZA: Yazisa, cacisa uze ubonise



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Yazisa imofimi yeveki kubafundi: um**
2. **Cacisela abafundi ngolu hlobo:**
 - Le mofimi isisimaphambili esinika isinye somntu okanye izinto zendalo.
 - Ibonisa ukuba kuthethwa ngomntu okanye izinto ezimbini nangaphezulu.
 - Ifakwa ekuqaleni kwegama elisisibizo, nokuba lisekuqaleni kwesivakalisi okanye ekugqibeleni.
 - Itshintsha isibizo sibe sisichazi.
3. **Bhala umzekelo 1 ebhodini:**
 - Abafundi bayafunda.
4. **Khomba uze ucacise apho iza kufakwa okanye itshintshwe khona imofimi.**
5. **Bhala kwakhona umzekelo 1 unotshintsho:**
 - Umfundi uyafunda.
6. **Phinda ngomzekelo 2 ngolu hlobo:**
 - Imithi iwile.
 - Umthi uwile.
7. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoMvulo.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 12.
 - b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
 - c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Qhelanisa ukubhala ngesandla ngokudibanisa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokwenza ngathi sidlala ipiyano.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa indlela yokubhala uze ugqibezele esi sivakalisi sibhalwe ngokudibanisa:**
 - *UKelvin Doe wagalelwa eFreetown, eSierra Leone.*
 - a. Njengoko ubhala, cacisa indawo apho uqala khona, icala oya ngakulo kunye nezikhewu phakathi kwamagama.
 - b. Yalela abafundi babhale esi sivakalisi / ezi zivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
 - c. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye: ukubunjwa konobumba, ubungakanani bonobumba kunye nezikhewu.
 - d. Xhasa abafundi abadinga uncdo.
3. **Yenza abafundi baqonde ngesantya sokubhala kunye nokuchaneka.**
 - a. Xa uninzi lwabafundi lugqibile, yithi, 'yima'.
 - b. Xelela abafundi baqaphele umgama abaselebewuhambile.
 - c. Ukuba abagqibanga, baxelege bazame ukubhala ngokukhawuleza ngengomso.
 - d. Kananjalo yenza abafundi bathelekise imibhalo yabo kowakho ebhodini.
 - e. Bacele baqaphele ukuba ziingaphi na iimpazamo abazenzileyo.



UkuFunda noTitshala: Yazisa ibali



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha
lentshayelelo
15

1. Yazisa ibali.

- Yithi: Kule veki siza kufunda ibali elisihloko sithi, *UKelvin Doe: UDJ Focus*
- Yithi: *Eli bali* liyinyani lingosomashishini obizwa ngokuba nguKevin Doe. Sihlangana noKevin eneminyaka elishumi ubudala, ehlala kwilizwe lakhe iSierra Leone. UKelvin uthatha isigqibo sokusombulula ingxaki enkulu kwindawo ahlala kuyo: ubusuku obumnyama ngaphandle kombane. Ugubhulula emigqomeni ekhangela iintsimbi ezilahliweyo, izinto zombane ezophukileyo, kunye nezixhobo ezilahliweyo. Ngokusebenza nzima nokumilisela ingqondo, uKelvin uzifundisa ubunjineli aze akhe ibhetri yodumo ngenkunkuma. Okulandelayo, unephupha elithe chatha aze akhe isikhululo sakhe sikanomathotholo sendawo ahlala kuyo, aziwe njengoDJ Focus! Makhe sifunde sive ukuba limthatha limbeke phi na uKelvin iphupha lakhe.
- Bonisa ngokufutshane abafundi imifanekiso esebalini.

2. Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.

- Yabelana uze ucacise iinkcukacha ezinikiweyo ngemvelaphi ebalini.
- Bonisa abafundi apho ibali liqhubeka khona usebenzisa imephu yeNgqokelela yamaBali.
- Buza: Ingaba unemibuzo malunga neli bali?

3. Cacisa indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.

- Yithi, kule veki siza kufunda indlela: Yenza uhlolo.
- Cacisa le ndlela kubafundi.



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 1 no2



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 12.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 1 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - b. Hambahamba egumbini uze uncede abafundi abatsala nzima bafunde ze bahlele umbhalo wabo.
5. **Nika umsebenzi wokubhala weNcwadi yemiSebenzi yeDBE.**
 - a. Njengoko abafundi begqiba ukuhlela, cacisa ukuba kufuneka basebenze kwincwadi yabo yemisebenzi yeDBE.
 - b. Yalela abafundi bagqibezele:
 - INcwadi yeDBE yemiSebenzi iphepha: 31–32
 - Ncokola neqabane ngebali ofuna ukulibhala. Wakugqiba bhala izimvo zakho kweli phepha.



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 9 no10



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 54.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 9 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 9 edesikeni yalo uze ubize iQela 10.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Yazisa umxholo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Imifanekiso
nezixhobo
zokwenyani
zomboniso
womxholo

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Lungisa umboniso womxholo:** Sifunda izinto ezintsha
2. **Buza umbuzo ovulekileyo ukuqalisa ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.**
 - Yintoni ofunde indlela yokuyenza kutsha nje, okanye osafunda indlela yokuyenza?
 - Ngubani okanye yintoni ekunceda ufunde izinto ezintsha?
 - Yintoni ongathanda ukuyifunda kwixesha elizayo?
3. **Yenza imephu yengqondo usebenzisa imibuzo neempendulo zabafundi.**
4. **Yongeza ezakho iimpendulo kwimephu yengqondo ukwandisa ulwazi lwabafundi.**
5. **Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 56.**
6. **Xelela abafundi bakhombe kwindawo yokutyebisa ulwimi lomxholo.**
 - a. Funda ngokutyetyiswa kolwimi ngokuvakalayo.
 - b. Yalela abafundi bafunde kunye nawe, okanye bayiphinde emva kwakho: Inyathi ibuzwa kwabaphambili.
7. **Xoxa nabafundi ngokutyetyiswa kolwimi.**
 - a. Buza: Ungandixelesa ukuba kuthetha ukuthini oku? / Uyakwazi ukufumana impendulo?
 - b. Khuthaza abafundi babelane ngezimvo.
 - c. Cacisa intsingiselo okanye unike impendulo njengoku kulandelayo: Eli qhalo lithetha ukuba ulwazi lufunyanwa kubantu abanamava nabazi ngakumbi. Sifunda izinto ezintsha ngokubuza imibuzo kuba ukubuza akulahlekisi.



Izandi nemofoloji: NDIYENZA: Yazisa, cacisa uze ubonise



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Yazisa imofimi yeveki kubafundi: u**
2. **Cacisela abafundi ngolu hlobo:**
 - Le mofimi ibekwa ekuqaleni kwegama.
 - Ibonisa ukuba mnye umntu owenza into. Ibonisa 'yena' wenza isenzo.
 - Iba sekuqaleni kwalento/ umntu wenzayo (isenzi)
3. **Bhala umzekelo 1 ebhodini:**
 - Umama bacula kamnandi.
4. **Khomba uze ucacise apho iza kufakwa okanye itshintshwe khona imofimi.**
5. **Bhala kwakhona umzekelo 1 unotshintsho:**
 - Umama ucula kamnandi.
6. **Phinda ngomzekelo 2 ngolu hlobo:**
 - ULizo basela ubisi.
 - ULizo usela ubisi.
7. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoMvulo.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 58.
 - b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
 - c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Qhelanisa ukubhala ngesandla ngokudibanisa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokwenza ngathi sidlala ipiyano.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa indlela yokubhala uze ugqibezele esi sivakalisi sibhalwe ngokudibanisa:**
 - *Uzandile wavuka kusasa kakhulu eza kufunda incwadi yakhe phandle.*
 - a. Njengoko ubhala, cacisa indawo apho uqala khona, icala oya ngakulo kunye nezikhewu phakathi kwamagama.
 - b. Yalela abafundi babhale esi sivakalisi / ezi zivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
 - c. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye: ukubunjwa konobumba, ubungakanani bonobumba kunye nezikhewu.
 - d. Xhasa abafundi abadinga uncdo.
3. **Yenza abafundi baqonde ngesantya sokubhala kunye nokuchaneka.**
 - a. Xa uninzi lwabafundi lugqibile, yithi, 'yima'.
 - b. Xelela abafundi baqaphele umgama abaselebewuhambile.
 - c. Ukuba abagqibanga, baxebele bazame ukubhala ngokukhawuleza ngengomso.
 - d. Kananjalo yenza abafundi bathelekise imibhalo yabo kowakho ebhodini.
 - e. Bacele baqaphele ukuba ziingaphi na iimpazamo abazenzileyo.



UkuFunda noTitshala: Yazisa ibali



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha
lentshayeelo
85

1. Yazisa ibali.

- Yithi: Kule veki siza kufunda ibali elisihloko sithi, *UZandile ufunda ukumeditheyitha.*
- Yithi: *Ngantsasa ithile, uZandile ukroba ngaphaya kocingo lwesitiya sakhe aze abone abamelwane besenza into engaqhelekanga. Bahleli phantsi emhlabeni, benza ingxolo esezantsi ehumzelayo! UZandile uyamangala ukuba benza ntoni aze abuze intombi yabo, uGeeta, okwaliqabane laseklasini likaZandile. UGeeta uyacacisa ukuba bayameditheyitha ukuze zithi qwenge iintloko bafumane ukuzola. UZandile uyakuzama oku, kodwa akumsebenzeli konke konke. Ingqondo yakhe igxalathelana iingcinga zomsebenzi wesikolo nezidlo ezinencasa! UGeeta ummemela kowabo, apho uMnu. Kapoor ababonisa bobabini indlela yokuphithanisa imilenze uze uphefumle ngokucotha, utsale umoya onzulu. Ingaba uZandile uza kuba nakho ukuqeqesha ingqondo yakhe exakekileyo ifumane ukuzola? Makhe sifunde ukuze sive ukuba uZandile uyafunda na ukwenza ingqondo ithi qwenge ze azole.*
- Buza: Ikhona into oyaziyo malunga noku?
- Bonisa ngokufutshane abafundi imifanekiso esebalini.

2. Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.

- Yabelana uze ucacise iinkcukacha ezinikiweyo ngemvelaphi ebalini.
- Bonisa abafundi apho ibali liqhubeka khona usebenzisa imephu yeNgqokelela yamaBali.
- Buza: Ingaba unemibuzo malunga neli bali?

3. Cacisa indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.

- Yithi, kule veki siza kufunda indlela: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.
- Cacisa le ndlela kubafundi.



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 1 no2



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 58.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 1 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 1 edesikeni yalo uze ubize iQela 2.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Fundisa isigama



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Oonotsheluzi
besigama,
imifanekiso,
izixhobo

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Khumbuza abafundi ngomxholo.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 56.
 - b. Funda okanye ubize indawo yokutyetyiswa kolwimi kwakhona.
 - c. Bonisa abafundi uluhlu lwesigama somxholo.
 - d. Cacisa ukuba la magama aza kusinceda siqonde kwaye sithethe ngomxholo.
 - e. Bafundele uluhlu lwamagama.
2. **Sebenzisa iYLYX ukufundisa isigama.**
 - a. Fundisa esi sigama silandelayo:
 - *ukumeditheytha: Ukuhlala uzole umilisele ingqondo ukuzinceda uzive unokuzola nokuphola.*
 - *zolile: Ukuziva unoxolo, ukhululekile, kwaye ungenaxhala okanye ukukhathazeka.*
 - *phazamisekile: Xa ingqondo isimka koko uzama ukuyimilisela kuko.*
 - *khululekile: Ukuziva ukhululekile kwaye uzolile.*
3. **Sebenzisa indlela yobuchule iYLYX elungele igama ngalinye:**

Y: Yalatha emfanekisweni okanye kwisixhobo sokwenyani
 L: Linganisa igama
 X: Xelela abafundi intsingiselo yegama
 Y: Yitsho igama kwisivakalisi



Izandi nemofoloji: SIYENZA: ziqhelaniseni kunye



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Khumbuza abafundi ngemofimi yeveki: u**
2. **Bhala umzekelo 1 ebhodini:**
 - Umntana bahamba notata.
3. **Biza umfundi akhombe aze acacise apho imofimi iza kufakwa okanye itshintshwe khona.**
4. **Biza umfundi wesibini abhale kwakhona umzekelo 1 unotshintsho:**
 - Umntwana uhamba notata.
5. **Biza umfundi wesithathu ukungqinisisa ukuba utshintsho luchanekile na.**
6. **Ukuba akunjalo, umfundi makeze ebhodini enze isilungiso.**
7. **Phinda ngomzekelo 2 ngolu hlobo:**
 - Umlambo bagcwele.
 - Umlambo ugcwele.
8. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesibini.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 59.
 - b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
 - c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Qhelanisa ukubhala ngesandla ngokudibanisa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokwenza ngathi sidlala ipiyano.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa indlela yokubhala uze ugqibezele esi sivakalisi sibhalwe ngokudibanisa:**
 - *Abamelwane bakhe, uMnu. noNkskg. Kapoor, babehlali engceni bevale amehlo.*
 - a. Njengoko ubhala, cacisa indawo apho uqala khona, icala oya ngakulo kunye nezikhewu phakathi kwamagama.
 - b. Yalela abafundi babhale esi sivakalisi / ezi zivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
 - c. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye: ukubunjwa konobumba, ubungakanani bonobumba kunye nezikhewu.
 - d. Xhasa abafundi abadinga uncdo.
3. **Yenza abafundi baqonde ngesantya sokubhala kunye nokuchaneka.**
 - a. Xa uninzi lwabafundi lugqibile, yithi, 'yima'.
 - b. Xelela abafundi baqaphele umgama abaselebewuhambile.
 - c. Ukuba abagqibanga, baxebele bazame ukubhala ngokukhawuleza ngengomso.
 - d. Kananjalo yenza abafundi bathelekise imibhalo yabo kowakho ebhodini.
 - e. Bacele baqaphele ukuba ziingaphi na iimpazamo abazenzileyo.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwangaphambili



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 87

1. **Hlalisela abafundi uFundo lwangaPhambili.**
 - a. Biza abafundi bahlale emethini okanye phantsi.
 - b. Hlala phambi kwabafundi neNgqokelela yamaBali.
 - c. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayayibona incwadi.
 - d. Khumbuza abafundi ngendlela yokuziphatha oyilindeleyo ngexesha lokuFunda noTitshala, umz. ukwakha isathanga; ukubeka izandla emathangeni, ukuphulaphula ngononophelo, ukuphendula xa ebuzwa, ukuphakamisa isandla ukubuza umbuzo.
2. **Yenza uFundo lwangaPhambili ngolu hlobo:**
 - a. Biza isihloko sebali: *UZandile ufunda ukumeditheyitha.*
 - b. Cacisa isakhono soqikelelo. Yithi: Xa sisenza uqikelelo, sisebenzisa isihloko kunye nemifanekiso ukuzama ukufumana ukuba ibali lingantoni na.
 - c. Bonisa abafundi imifanekiso kwiphepha ngalinye.
 - d. Buza: Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
 - e. Buza: Ucinga ukuba le mifanekiso inxulumana njani?



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 3 no4



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 59.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 3 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 3 edesikeni yalo uze ubize iQela 4.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Fundisa isigama uze uxoxe ngomfanekiso womxholo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Oonotsheluza
besigama,
imifanekiso,
izixhobo

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Sebenzisa iYLXY ukufundisa isigama.**
 - a. Fundisa esi sigama silandelayo:
 - *ukuphucuka: Ukuba ngcono entweni.*
 - *imiyalelo: Amanyathelo akuxelela indlela yokwenza okuthile.*
 - *iresipi: Uluhlu lwezithako namanyathelo okwenza ukutya.*
 - *oovimba: (izixhobo zokufunda): Izinto ezisinceda ukuba sifunde, ezinjengeencwadi, imifanekiso, okanye abantu abasifundisayo.*
 - b. Sebenzisa indlela yobuchule iYLXY elungele igama ngalinye.
2. **Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 60.
 - b. Xelela abafundi ezi nkukacha zilandelayo malunga nomfanekiso:
 - Yintoni ofunde indlela yokuyenza kutsha nje, okanye osafunda indlela yokuyenza?
 - Ngubani okanye yintoni ekunceda ufunde izinto ezintsha?
 - Yintoni ongathanda ukuyifunda kwixesha elizayo?
3. **Xoxa ngomfanekiso.**
 - a. Sebenzisa umbuzo olandelayo ukuxoxa ngomfanekiso njengoku kulandelayo:
 - Buza umbuzo wokuqala.
 - Yalela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane labo.
 - Biza abafundi ngabanye babelane ngeempendulo zabo.
 - Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi ngokulungisa ukungaqondi kwabo kunye nokwabelana ngolwazi olunxulumene nomxholo.
 - Phinda le nkqubo ngemibuzo yonke.
4. **Imibuzo:**
 - a. Zeziphi iindlela ezahlukeyo abafunda ngazo abantu kulo mfanekiso?
 - b. Ngubani onokusinceda sifunde into entsha?
 - c. Yintoni entsha osanda kuyifunda kutshanje?



Izandi nemofoloji: UYENZA: ziqhelanise kunye neqabane, emva koko usebenze wedwa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Zinzisa abafundi beneencwadi zabo zokubhala.**
2. **Khumbuza abafundi ngemofimi yeveki: u**
3. **Bhala umzekelo 1 ebhodini:**
 - Ubhuti bafike emini.
4. **Yalela abafundi ukuba bakhuphele umzekelo 1 ezincwadini zabo.**
5. **Okulandelayo, yalela abafundi basebenze neqabane benze oku kulandelayo:**
 - a. Khomba uze ucacise apho iza kufakwa okanye itshintshwe khona imofimi.
 - b. Bhala kwakhona umzekelo 1 unotshintsho.
6. **Funa ingqalelo yabafundi.**
7. **Jonga umzekelo 1 ebhodini, uze wenze oku kulandelayo:**
 - Khomba uze ucacise apho iza kufakwa okanye itshintshwe khona imofimi.
 - a. Bhala kwakhona umzekelo 1 unotshintsho:
 - Ubhuti baphethe iziqhamo.
8. **Xelela abafundi bajonge umsebenzi wabo baze benze izilungiso ukuba kuyimfuneko.**
9. **Phinda ngomzekelo 2, kodwa kweli lixa, umfundi makasebenze eyedwa:**
 - Ubhuti ufike emini.
 - Ubhuti uphethe iziqhamo.
10. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesithathu.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 61.
 - b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
 - c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Qhelanisa ukubhala ngesandla ngokudibanisa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokwenza ngathi sidlala ipiyano.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa indlela yokubhala uze ugqibezele esi sivakalisi sibhalwe ngokudibanisa:**
 - *"Benza ntoni?" wamangala uZandile.*
 - a. Njengoko ubhala, cacisa indawo apho uqala khona, icala oya ngakulo kunye nezikhewu phakathi kwamagama.
 - b. Yalela abafundi babhale esi sivakalisi / ezi zivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
 - c. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye: ukubunjwa konobumba, ubungakanani bonobumba kunye nezikhewu.
 - d. Xhasa abafundi abadinga uncedo.
3. **Yenza abafundi baqonde ngesantya sokubhala kunye nokuchaneka.**
 - a. Xa uninzi lwabafundi lugqibile, yithi, 'yima'.
 - b. Xelela abafundi baqaphele umgama abaselebewuhambile.
 - c. Ukuba abagqibanga, baxelele bazame ukubhala ngokukhawuleza ngengomso.
 - d. Kananjalo yenza abafundi bathelekise imibhalo yabo kowakho ebhodini.
 - e. Bacele baqaphele ukuba ziingaphi na iimpazamo abazenzileyo.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lokuQala



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 87

1. Lungiselela abafundi uFundo lokuQala.

- Hlalisa abafundi emethini.
- Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
- Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *UZandile ufunda ukumeditheyitha*
- Yithi: *Ngantsasa ithile, uZandile ukroba ngaphaya kocingo lwesitiya sakhe aze abone abamelwane besenza into engaqhelekanga. Bahleli phantsi emhlabeni, benza ingxolo esezantsi ehumzelayo! UZandile uyamangala ukuba benza ntoni aze abuze intombi yabo, uGeeta, okwaliqabane laseklasini likaZandile. UGeeta uyacacisa ukuba bayameditheyitha ukuze zithi qwenge iintloko bafumane ukuzola. UZandile uyakuzama oku, kodwa akumsebenzeli konke konke. Inggondo yakhe igxalathelana iingcinga zomsebenzi wesikolo nezidlo ezinencasa! UGeeta ummemela kowabo, apho uMnu. Kapoor ababonisa bobabini indlela yokuphithanisa imilenze uze uphefumle ngokucotha, utsale umoya onzulu. Ingaba uZandile uza kuba nakho ukuqeqesha ingqondo yakhe exakekileyo ifumane ukuzola? Makhe sifunde ukuze sive ukuba uZandile uyafunda na ukwenza ingqondo ithi qwenge ze azole.*

2. Yenza uFundo lwangaPhambili ngolu hlobo:

- Funda iphepha ngalinye lebali ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
- Bonisa abafundi imifanekiso.
- Apho kuyimfuneko, yima uze ucacisele abafundi.
- Yalatha isigama njengoko sibonakala.
- Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 1 ngolu hlobo:
 - Bhekisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
 - Bhekisa Umbuzo 3 no4 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
 - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.
- Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.
 - Buza abafundi: Singaqikelela sithini ngokufanekileyo ngoku esingakuchazelwanga ngumbhali? Ungaqikelela ntoni ngeengcinga / iimvakalelo zomlinganiswa?



Ukubhala: Yazisa uze uqhelanise iGML



IXESHA:
20 imizuzu



IZIXHOBO:
Abadingeki
oovimba
bolwazi

1. **Yazisa ukugxila kwiGML (imiGaqo neMimiselo yoLwimi).**
 - a. Yithi, kule veki siza kugxila ku Ukusebenzisa isihlanganisi u'ne / no' ukuhlanganisa izinto okanye izimvo ezimbini ezizalanayo.
 - b. Bhala isivakalisi ebhodini:
Ndiyakuthanda ukufunda iincwadi. Ndiyakuthanda ukubukela ibhanyabhanya. Ndiyakuthanda ukufunda iincwadi nokubukela ibhanyabhanya.
 - c. Cacisa umongo weGML: Isihlanganisi u'ne' sisetyenziswa ukuhlanganisa izinto okanye izimvo ezimbini ezizalanayo.
2. **Qhelanisa abafundi neGML.**
 - a. Bhala ebhodini: Ndiyakuthanda ukufunda ngezityalo. Ndiyakuthanda ukufunda ngezilwanyana.
 - b. Buza abafundi: Singamsebenzisa njani u'kwaye' ukuhlanganisa ezi zivakalisi zibini?
 - c. Xoxani ukufumana izimvo zabafundi:
Hlanganisa ezi zivakalisi usebenzise u'kwaye': Xa sinezivakalisi ezibini ezithetha ngeembono ezifanayo, singazihlanganisa sisebenzise isihlanganisi u'kwaye'. Singazihlanganisa ezi zivakalisi ngolu hlobo: Ndiyakuthanda ukufunda ngezityalo kwaye ndiyakuthanda ukufunda ngezilwanyana. Ngamanye amaxesha singasenza isivakalisi sibe sifutshane ngokususa amagama aphindaphindiweyo, ngolu hlobo: Ndiyakuthanda ukufunda ngezilwanyana nezityalo.
3. **Nika abafundi ixesha lokuziqhelanisa neGML ngokuzimeleyo.**
 - a. Bhala ebhodini:
 - URefiloe uthanda ukudlala nabahlobo bakhe. URefiloe uthanda ukudlala ibhola ekhatywayo.
 - Ndingamthemba umakhulu. Ndingamthemba udade wethu.
 - UThabang ubone iinkomo ngefestyle. Ubone iibhokhwe ngefestyle.
 - b. Cacisela abafundi:
 - Sebenzisa isihlanganisi u'kwaye/ kunye' ukudibanisa iiseti zezivakalisi.
 - limbono kufuneka zinxulumane.
 - Hlanganisa ezi zivakalisi usebenzise u'kwaye'.
 - Susa isingxi kwisivakalisi sokuqala.
 - Beka u'kwaye' phakathi kwezivakalisi ezibini.
 - Gcina isingxi esinye kuphela ekugqibeleni kwisivakalisi.
 - c. Nika abafundi imizuzu embalwa yokugqibezela umsebenzi.
4. **Khangela ukuqonda kwabafundi.**
 - a. Hlanganisa abafundi ndawonye.
 - b. Biza abafundi abahlukileyo babelane ngeempendulo zabo.
 - c. Yalatha: Isihlanganisi u'ne' sisetyenziswa ukuhlanganisa izinto okanye izimvo ezimbini ezizalanayo.



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 5 no6



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 61.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 5 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 5 edesikeni yalo uze ubize iQela 6.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Izandi nemofoloji: Umdlalo wokuKhumbula weMofimi



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Ekuqaleni kwekota, fundisa abafundi lo mdlalo. Cacisa ukuba uza kuwudlala rhoqo ngoLwesine.

Imiyalelo:

1. Hlalisa abafundi ngamaqela ezi4–6.
2. Nyula 'umlawuli womdlalo' kwiqela ngalinye – umntu oza kubamba iintambo kulo mdlalo.
3. Biza imofimi esele ifundisiwe, umz.: um
4. Umlawuli womdlalo uqala athi: Amagama asebenzisa um ngu: umlomo
5. Umdlalo uyaqhuba ubhekisa ngakwisandla sasekunene.
6. Umfundi olandelayo uthi: Amagama asebenzisa um ngu: umlomo kunye no: umntwana
7. Umfundi wesithathu uthi: Amagama asebenzisa um ngu: umlomo, umntwana kunye no: umthombo
8. Umdlalo uyaqhuba usuka kumfundi usiya komnye, de kungabikho magama anokunikwa.
9. Abafundi kufuneka badwelise onke amagama ngokulandelelana kwawo, okanye bayaphuma emdlalweni.
10. Umfundi wokugqibela phakathi nguye ophumelele loo mjikelo.
11. Lo mfundi uqala umjikelo olandelayo.
12. Xa iqela ligqibe umjikelo, kufuneka bahlale ngokuzolileyo izandla zabo zibekwe entloko balinde imofimi elandelayo.
13. **Xa onke amaqela elungile, nika imofimi elandelayo, umz.: u**
14. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesine.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 62.
 - b. Funda itekisi ngokuvakalayo. Xelela abafundi balandele kwiincwadi zabo njengoko ufunda.
 - c. Funda itekisi kwakhona, ngeli lixa, abafundi mabangenelele bafunde nawe.
 - d. Yenza umzekelo wokugqibezela umsebenzi wengqiqo nokuqonda ebhodini.
 - e. Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Qhelanisa ukubhala ngesandla ngokudibanisa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokwenza ngathi sidlala ipiyano.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa indlela yokubhala uze ugqibezele esi sivakalisi sibhalwe ngokudibanisa:**
 - *Uzandile wabuya waza wathi gqolo ezama.*
 - a. Njengoko ubhala, cacisa indawo apho uqala khona, icala oya ngakulo kunye nezikhewu phakathi kwamagama.
 - b. Yalela abafundi babhale esi sivakalisi / ezi zivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
 - c. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye: ukubunjwa konobumba, ubungakanani bonobumba kunye nezikhewu.
 - d. Xhasa abafundi abadinga uncedo.
3. **Yenza abafundi baqonde ngesantya sokubhala kunye nokuchaneka.**
 - a. Xa uninzi lwabafundi lugqibile, yithi, 'yima'.
 - b. Xelela abafundi baqaphele umgama abaselebewuhambile.
 - c. Ukuba abagqibanga, baxelege bazame ukubhala ngokukhawuleza ngengomso.
 - d. Kananjalo yenza abafundi bathelekise imibhalo yabo kowakho ebhodini.
 - e. Bacele baqaphele ukuba ziingaphi na iimpazamo abazenzileyo.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwesiBini



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 87

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwesiBini.**
 - a. Hlalisa abafundi emethini.
 - b. Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
 - c. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *UZandile ufunda ukumeditheyitha*
 - d. Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.
 - Yithi, khumbula sithethile ngale nto izolo, xa ndikubuza: Singaqikelela sithini ngokufanekileyo ngoku esingakuchazelwanga ngumbhali? Ungaqikelela ntoni ngeengcinga / iimvakalelo zomlinganiswa?
2. **Yenza uFundo lwesiBini ngolu hlobo:**
 - a. Funda iphepha ngalinye lebali ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
 - b. Bonisa abafundi umfanekiso.
 - c. Sebenzisa imizekelo ekwiphepha lentshayelelo ukwenza umzekelo wobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - d. Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 2 ngolu hlobo:
 - Bhekisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
 - Bhekisa Umbuzo 3 no4 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
 - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.



Ukubhala: Utitshala wenza umzekelo wokucwangcisa



IXESHA:
20 imizuzu



IZIXHOBO:
Isakhelo
sokubhala

1. **Yazisa isihloko sokubhala.**
 - a. Yithi, kulo mjikelo siza kubhala: Ungeniso kwidayari ngokulinga into entsha.
2. **Cacisa impendulo yakho yomsebenzi wokubhala, uyithethe ngomlomo, phambi kokubhala. Sebenzisa isakhelo sokubhala.**
 - a. Yithi: Ndiza kubhala nge... okokuqala. Kungeniso kwidayari, sigqala ekubhaleni iingcinga neemvakalelo zethu, ngoko ndiza kubhala ngendlela endaziva ngayo...
3. **Yenza umzekelo wokucwangcisa umsebenzi wokubhala ebhodini.**
 - a. Zoba ngokukhawuleza umfanekiso obonakalisa: Zizobe uzama into entsha.
 - b. Sebenzisa imephu yengqondo ukucwangcisa ibali lakho:
 - Uzame ukufunda okanye ukwenza ngcono ntoni namhlanje?
 - Kutheni ubufunda ukufunda esi sakhono?
 - Waziva njani ekuqaleni? Kutheni wawuziva olo hlobo?
 - Yeyiphi indawo eye yakunzimela?
 - Zeziphi iimpazamo oye wazenza ngexesha ufunda?
 - Uye waziva njani xa usenza iimpazamo okanye utsala nzima?
 - Uncedwe ngubani, kwaye benze okanye bathethe ntoni?
 - Wenze ntoni ukuhlala uzama naxa bekunzima?
 - Wakwazi njani ukuba ngcono ngokuhamba kwexesha?
 - Uziva njani ngoku malunga noko ukwazi ukukwenza?
4. **Yenza abafundi ukuba bacinge.**
 - a. Yithi: Ngomso niza kucwangcisa umbhalo wenu. Yizani nezimvo zenu ngomso.

Isakhelo sokubhala:

Diye Dayari,
Ndizamile uku...
Ekuqaleni, ndaziva... kuba...
Ndatsala nzima nge...
Ndenza iimpazamo ezifana...
Ngexesha ndifumana ubunzima, nda...

Utitshala / umhlobo wam wandinceda / usapho lwam lwandinceda ngo...
Noxa bekunzima, ndaqhubeka ndizama kuba...
Kancinci, ndaqaphela...
Ndaziva... xa ndibona ukuba ndiba ngcono.
Ngoku ndinga... kwaye ndiziva...
Ivela
(Igama)



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 7 no8



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 62.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 7 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 7 edesikeni yalo uze ubize iQela 8.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Xoxa ngebali eliFundwa noTitshala



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Isicwa-ngciso
sengxoxo:

Uluvo
oluphambili
kweli bali ibi...

Ndithande
umlinganiswa
u... kuba...

Ndifunde
ukuba...

Ndinga
ukuba ibiyinto
elungileyo
/ engalu-
nganga...
kuba...

1. **Lungiselela abafundi ingxoxo yamaqela.**
 - a. Cwangcisa abafundi ngokwamaqela amalungu ama4.
 - b. Nika iqela ngalinye 'uswazi okanye ilitye lokuthetha'.
 - c. Yithi: Ungathetha kuphela xa uphethe 'uswazi / ilitye lokuthetha'.
2. **Funda imibuzo yengxoxo.**
 - a. Khumbuza abafundi ibali elifundwa notitshala laloo veki.
 - b. Bhala isicwangciso sengxoxo ebhodini.
 - c. Funda uze ucacise umbuzo ngamnye isiqalisivakalisi).
 - d. Xelela abafundi ukuba ilungu ngalinye leqela malibe nethuba lokuphendula umbuzo.
 - e. Khuthaza abafundi bacinge ngeempendulo ezahlukeyo.
3. **Yalela abafundi baqale ingxoxo.**
 - a. Yalela abafundi abaphethe 'uswazi / ilitye lokuthetha' ukuba mabaqale.
 - b. Hambahamba unika inkxaso apho ifunekayo.
 - c. Kwimizuzu embalwa yokugqibela, biza iqela lizokwabelana ngeempendulo zalo.
4. **Ukulungisa abafundi**
 - a. Chonga 3–4 yabafundi abaza kwenza iNtetho yeOrali ngoMvulo.
 - b. Xelela aba bafundi amabakulungiselele uMvulo. (Jonga isicwangciso sesifundo soPT sangoMvulo)



Izandi nemofoloji: Ubizelo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Abadingeki
oovimba
bolwazi

1. **Zinzisa abafundi neencwadi zabo zokubhala, iipensile neerula.**
 - a. Xelela abafundi babhale isihloko, 'Ubizelo' baze babhale amanani u1–5 kumda wephepha.
 - b. Biza la magama mahlanu alandelayo ukuze abafundi bawabhale ecaleni kwamanani u1–5: uvukile, uhamba, uhleka, ukhwela, uthathe
 - c. Emva koko, xelela abafundi babhale phantsi isivakalisi osibizayo, besebenzisa iimpawu zobhalo ezichanelekileyo.
 - d. Biza esi sivakalisi silandelayo. Siphinde ngokucothayo, kabini ukuba kuyimfuneko: UVukile uthathe imali.
2. **Xelela abafundi basebenzise iipensile eziyimibala ukukorekisha umsebenzi wabo.**
 - a. Bhala la magama mahlanu nesivakalisi ebhodini.
 - b. Njengoko ubhala, biza igama ngalinye.
 - c. Kwisivakalisi, yalatha iimpawu zobhalo ezisetyenzisiweyo.
 - d. Xelela abafundi barhangqe iimpazamo zabo ngepensile enombala.
 - e. Xelela abafundi babhale kwakhona iimpazamo zabo ngokuchanekileyo.
3. **Qaphela imingeni kunye nenkqubela phambili yabafundi.**
4. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesihlanu.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 64.
 - b. Funda itekisi ngokuvakalayo. Xelela abafundi balandele kwiincwadi zabo njengoko ufunda.
 - c. Yenza umzekelo wokugqibezela umsebenzi wengqiqo nokuqonda ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwaMva



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 87

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwaMva.**
 - a. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *UZandile ufunda ukumeditheyitha*
 - b. Cacisa umsebenzi. Yithi: Namhlanje siza kulinganisa ibali lethu singamaqela.
2. **Yenza umzekelo walo msebenzi njengoku kulandelayo:**
 - a. Yithi: Xa silinganisa ibali, kufuneka sizame ukuba:
 - Sikhumbule okwenziwa nokuthethwa ngumlinganiswa wethu
 - Sithethe kwaye silinganise njengomlinganiswa wethu
 - Sisebenzise amanye amagama afana nathethwe ngumlinganiswa wethu
 - b. Ngokufutshane bonisa abafundi indlela onokulinganisa ngayo omnye wabalinganiswa.
 - c. Zama ukungakhethi umlinganiswa oyintloko kumzekelo wakho.
3. **Yalela abafundi bagqibezele umsebenzi.**
 - a. Bala ukuba bangaphi abalinganiswa ebalini.
 - b. Yahlula abafundi babe ngamaqela alingana nelo nani. Umzekelo, ukuba abalinganiswa ba5 ebalini, yahlula iklasi ibe ngamaqela ama5.
 - c. Nika umfundi ngamnye umlinganiswa.
 - d. Hamba neklasi niye phandle okanye kwindawo ethe gabalala.
 - e. Xelela amaqela ukuba alinganise ibali. Kufuneka:
 - Bakhumbule okuthethwa nokwenziwa ngumlinganiswa wabo
 - Bathethe baze benze ngokomlinganiswa wabo
 - Basebenzise amanye kumagama asetyenziswe ngumlinganiswa wabo
 - f. Njengokuba abafundi belinganisa ibali, jikeleza phakathi kwabo unike inxaso apho ifuneka khona.
4. **Vumela abafundi babelane ngomsebenzi wabo.**
 - a. Nika abafundi imizuzu embalwa yokubonisa umsebenzi wabo kwelinye iqela.
 - b. Biza iqela labelane ngomsebenzi walo neklasi.



Ukubhala: Abafundi bayacwangcisa



IXESHA:
20 imizuzu



IZIXHOBO:
Isakhelo
sokubhala

1. **Khumbuza abafundi ngesihloko sokubhala.**
 - a. Yithi, kulo mjikelo siza kubhala: Ungeniso kwidayari ngokulinga into entsha.
2. **Yalela abafundi bacinge ngeempendulo zabo zesihloko sokubhala.**
 - a. Yithi, ngoku cinga ngendlela oza kuphendula ngayo isihloko sokubhala.
 - b. Yalela abafundi babelane ngezimvo zabo neqabane.
 - c. Biza abafundi abambalwa bazokwabelana ngeempendulo zabo neklasi.
3. **Yalela abafundi bacwangcise umbhalo wabo kwiincwadi zabo zokubhala.**
 - a. Yithi: Ngoku sebenzisa imephu yengqondo ukubhala phantsi izimvo zakho uze ucwangcisele umsebenzi wokubhala.
4. **Hambahamba eklasini uze uncedise ababhali ngabanye bacwangcise.**
 - a. Yithi: Ndixelele ngezimvo zakho.
 - b. Nceda abafundi abatsala nzima bagqibezele imephu zabo zengqondo.

Isakhelo sokubhala:

Diye Dayari,
Ndizamile uku...
Ekuqaleni, ndaziva... kuba...
Ndatsala nzima nge...
Ndenza iimpazamo ezifana...
Ngexesha ndifumana ubunzima, nda...

Utitshala / umhlobo wam wandinceda / usapho lwam lwandinceda ngo...
Noxa bekunzima, ndaqhubeka ndizama kuba...
Kancinci, ndaqaphela...
Ndaziva... xa ndibona ukuba ndiba ngcono.
Ngoku ndinga... kwaye ndiziva...
Ivela
(Igama)



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 9 no10



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

Iincwadi
zokuFunda
ngokwa-
Manqanaba
(ezingani-
kezwanga
yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 64.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 9 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
 - a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
 - b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
 - c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 9 edesikeni yalo uze ubize iQela 10.**



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi uncenda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: INtetho yeOrali



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Abadingeki
oovimba
bolwazi

1. **Hlalisa abafundi bajonge abo bafunda nabo besenza intetho yabo yeorali.**
2. **Khumbuza abafundi ngalo msebenzi ulandelayo: Wabelana ngeendaba zakho**
 - a. Sichazele ukuba zingantoni iindaba zakho. Yithi:
 - Namhlanje ndiza kunichazela nge...
 - Emva koko, yabelana nabanye ngeendaba zakho.
 - Sichazele okwenzekileyo ngendlela echanekileyo yokulandelelana kweziganeko.
 - Sichazele amanqaku aphambili kwiindaba zakho.
 - Gqibezela ngokusichazela ukuba zikwenze waziva njani iindaba zakho.
3. **Khumbuza abafundi ngezi zakhono zokwenza intetho:**
 - a. Xa usabelana ngeendaba zakho, khumbula oku:
 - Sichazele ukuba zingantoni iindaba zakho
 - Sichazele ukuba kwenzeke nini
 - Sichazele ukuba kwehlele bani oku
 - Biza izivakalisi zakho ngokuchanekileyo ngokulandelelana kwazo
 - Biza kube kanye – ungayiphindi into oyithethileyo
 - Thetha ngelizwi elivakalayo nelicacileyo
4. **Biza abafundi abakhethiweyo ngabanye ngexesha ukwenza intetho yabo.**
 - a. Yakha ukuzithemba komfundi ngokumbulela ngentetho yakhe nangokumnika ingxelo eyakhayo.
 - b. Ekupheleni kwesifundo, nika iklasu ingxelo ebanzi ukuphucula intetho yabo. Umzekelo: Ndibe nobunzima ukuva abanye benu. Ncedani nizame ukugcina ilizwi lenu livakala –sifuna ukuva into oyithethayo.



Izandi nemofoloji:



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoMvulo.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 66.
 - b. Cacisela abafundi imisebenzi yesintaksi.
 - c. Bonisa umzekelo womsebenzi ngamnye ebhodini.
 - d. Yalela abafundi bagqibezele imisebenzi ezincwadini zabo zokubhala.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Qhelanisa ukubhala ngesandla ngokudibanisa



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokwenza ngathi sidlala ipiyano.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa indlela yokubhala uze ugqibezele esi sivakalisi sibhalwe ngokudibanisa:**
 - *Ngabusuku buthile, uJeeta notata wakhe babejonge inyanga.*
 - a. Njengoko ubhala, cacisa indawo apho uqala khona, icala oya ngakulo kunye nezikhewu phakathi kwamagama.
 - b. Yalela abafundi babhale esi sivakalisi / ezi zivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
